

- Ungasebenza ukufikelela kwiyure ezi 10 zomsebenzi ongaphaya kwexesha ngeviki, ukongeza kwiyure ezi 45 eziqhelekileyo ozisebenzileyo.
- I BCEA ithi ungasebenza uyofikelela kwiyure ezi 3 zomsebenzi ongaphaya kwexesha ngosuku. Lo nto ithetha ukuthi akukho msebenzi unokusebenza ngaphezulu kweyure ezi 12 ngosuku (iyure ezi 9 eziqhelekileyo + iyure ezi 3 zomsebenzi ongaphaya kwexesha = iyure 12).

Intlawulo yomsebenzi ongaphaya kwexesha

- Ukuba uvumile usebenza umsebenzi ongaphaya kwexesha funeka ufumane ixabiso leyure zakho eziqhelekileyo kunye 50% ngaphezulu yexabiso leyure zakho eziqhelekileyo ngeyure nganye yomsebenzi ongaphaya kwexesha owusebenzileyo. Nanku umzekelo: Ukuba hlawulwa i R10 ngeyure iiyure eziqhelekileyo zokusebenza, ngoko funeka uhlawulwe R15 ngeyure ngeeyure zomsebenzi ongaphaya kwexesha.
- (Ixabiso lesiqhelo) $R10 + 50\%$ (Isiqingatha se $R10 = 5$) = R15
- Uvumelekile wenze isivumelwano nomphathi ungaphangeli kangange yure zonke okanye ezimbalwa zomsebenzi ongaphaya kwexesha ozisebenzileyo.

Umsebenzi wasebusuku

- Umsebenzi wasebusuku nguwo nawuphina umsebenzi owenziwa usukela ngentsimbi yesi 6 entloko ngokuhlwa (6 p.m.) nango 6 entloko kusasa (6 a.m.).
- Umphathi wakho angakucela wenze umsebenzi wasebusuku ukuba uzofumana imali evunyelweyo yokusebenza ebusuku yaye uqiniseke unaso isithuthi sokuzisa emsebenzini yaye sikugoduse emva koko.
- Akhomfuneko abaqashi bahlawule isithuthi. Kuphela kufuneka baqinisekise isithuthi sabasebenzi sikhona.
- Ukuba abasebenzi badla ngosebenza phakathi ko 11 p.m. no 6 a.m. umphathi makacacise ingozi zokusebenza ebusuku qho ngokubhala ephepheni.

Iiyure zokusebenza imihla ngemihla

- Usebenza iveki ezintsuku ezintlanu? Sukusebenza ngaphezulu kweyure ezi 9 eziqhelekileyo ngosuku.
- Usebenza ngaphezulu kwentsuku ezi 5 ngeveki? Sukusebenza ngaphezulu kweyure ezi 8 eziqhelekileyo ngosuku.

Amaxesha emihla ngemihla okuphumla

- Msebenzi ngamnye makabene yure ezi 12 ezilandeelanayo zokuphumla ngeyure ezi 24 zonke. Iyure ezilandeelanayo ziyure ezingaphazamisekanga, ngoko iyure ezi 12 mayibe yenye emva kwenye. Oku kuthetha ungaze usebenze ngaphezulu kweyure ezi 12 ngosuku, nokuba iiyure zokusebenza ngaphaya kwexesha zidityaniswe kwiyure zokusebenza zakho eziqhelekileyo.

Amaxesha okuphumla ngeveki

- Yiba nexesha lokuphumla leyure ezilandeelanayo ezi 36 ngeveki. Eziyure zi 36 maziqoke usuku lwangeCawa, ngaphandle ba nivumelene ngokusebenza ngeCawa.

Amathuba okutya

- Emva kokuba usebenze iyure ezi 5 zilandelelana fumana ithuba lokutya elo ubuncikane iyure enye. Elithuba lokutya leyure enye aliyonxalenye leyure zakho zokusebenza eziqhelekileyo.
- Ukuba uyalelwe ukujonga umatshini, okanye usebenze ngexesha lakho lokutya, funeka uhlawulwe ngelaxesha.
- Ithuba lokutya malingabilide kunemizuzu eyi 75. Ukuba unyanzelekile uthathe ithuba lokutya elide kunemizuzu eyi 75, funeka uhlawulwe ngexesha elongezelelweyo emva kwemizuzu eyi 75.
- Abasebenzi bangaxoxa nomphathi aphungule amathuba okutya wabo ukuya kwimizuzu eyi 30.

Ukusebenza ngaphaya kwexesha

- Umphathi wakho akanakunyanzelisa usebenze umsebenzi ngaphaya kwexesha. Umsebenzi ngaphaya kwexesha mawenziwe ngesivumelwano. Yitsho ba uzakuwenza.

- Umphathi kwakho funeka athumele rhoqo abasebenzi kuvavanyo lwezempilo yaye alihlawule uvavanyo. Ukuba impilo yomsebenzi ayibavumeli basebenze ebusuku mababekwe kumsebenzi ofanelekileyo wasemini.

Umsebenzi wangeCawa

- Ukuba usebenza ngeCawa funeka ufumane umvuzo wakho wesiqhelo ngeyure ophindwe kabini. Ukuba intlawulo yeyure ozisebenzileyo ngeCawa zingaphantsi kwentlawulo yesiqhelo ngosuku, funa intlawulo yemihla ngemihla yosuku. Ukuba ngokuqhelekileyo ufumana R350 ngosuku yaye usebenze iyure ezi 3 ngeCawa iyure iyi R100 ufumana R350, hayi R300.
- Abasebenzi abasebenza ngokuqhelekileyo ngeCawa bahlawulwa ixesha nesiqingatha (intlawulo yeyure yesiqhelo + 50%), hayi ixesha eliphindwe kabini.
- Ungenza isivumelwano nomphathi wakho ungaphangeli ngomsebenzi owenza ngeCawa.

Iholide kaWonke wonke

- Ukuba usebenza ngeholidi kawonke wonke funeka uhlawulwe ixesha eliphindwe kabini ukuba iholidi ikusuku osebenza ngalo ngokuqhelekileyo.

CWAO:
082 812 1934
076 551 7112
2 High Road,
Georgetown,
Germiston, GAUTENG



CWAO

CASUAL WORKERS ADVICE OFFICE

IsiXhosa
 Ordinary
 hours of work

UMTHETHO WENGQESHO ESISEKO ESIYIMFUNeko (BCEA)

IYURE EZIQHELEKILEYO ZOMSEBENZI

Njengo msebenzi, iyure zakho zomsebenzi zimiswa yi BCEA. Zonke izivumelwano zengqesho, izivumelwano zemanyano zabasebenzi nemfuno zecandelo mazilandele iyure zokusebenza ezimiswe yi BCEA.

Zeziphi iyure 'eziqhelekileyo' zokusebenza?

Iyure eziqhelekileyo zokusebenza ziyure zokusebenza ngaphandle kokudibanisa iyure zakho zokusebenza ngaphaya kwexesha.

Iiyure zokusebenza ngeveki

Ngokwe BCEA, abasebenzi mabanga sebenzi ngaphezulu kwe yure eziqhelekileyo ezi 45 ngeveki. Ungasebenza ngaphantsi kweyure eziqhelekileyo ezi 45 ngeveki kodwa hayi ngaphezulu. Ukuba usebenza ngaphezulu kwe yure ezi 45 kukusebenza ngaphaya kwexesha yaye mawuhlulwe umvuzo othe xaxa (ngaphezulu ngeyure) ngeyure zokusebenza ngaphaya kwexesha.